Le ncwadi yamabali ingoBonisile John Kani.

Wazalwa ngo1943 eNew Brighton, ekwisixeko iGqeberha. Eselula, wayekuthanda ukudlala eqongeni, wayewathanda namabali.

Lo mfo waseMpuma Koloni, wakhula waba ngumdlali odumileyo ehlabathini, umbhali nomlawuli kwezeqonga!



Umakhulu kaJohn nguye owamsondezayo emazisa ngamabali. Wambalisela amabali amaninzi ezithethe, wamfundisa nokwenza amabali.

Yonke imihla ngokuhlwa, phambi kokuba kulalwe, umakhulu kaJohn wayebalisa amabali.

Yayingamabali oyikisayo amalunga negqwirha elalinamazinyo amade neenzipho ezinde!




Ngenye imini umakhulu wacela uJohn ukuba makambalisele ibali.

Waqalisa ngokuthi, “Ngaxa lithile, kwakukho ixhegokazi elalisoloko lifuna abantwana balibalisele amabali!”

UJohn kwakumonwabisa ukwenza amabali. Waqalisa ukuthatha inxaxheba emidlalweni esikolweni.


Umdlalo weqonga libali elinabalinganiswa abathatha inxaxheba.



Abadlali bangawaguqula amazwi abo bazenze abantu abahlukileyo. Bangaziindidi zabalinganiswa emidlalweni yeqonga kwiifilimu nakwimiboniso bhanyabhanya.

Eselula uJohn wayebukela iifilimu nabahlobo bakhe ababengasiqondi kakuhle isiNgesi.

Intetho yesiNgesi uJohn wayeyitolikela kulwimi oluthethwa ngabahlobo bakhe ababengabalinganiswa abahlukileyo.



Akuphumelela esikolweni seMfundo ePhakamileyo, uJohn waba ngumsebenzi efektri.

Wazibandakanya neqela labadlali beqonga ababekweminye imisebenzi. Abaninzi kubo yayingabadlali beqonga abangabantu abaNtsundu.


Wathi uJohn, “Sasingengobadlali beqonga kuphela. Sasingamajoni eqonga. Sasisebenzisa ubugcisa ukuze sikhuze izenzo ezingalunganga.”



Ngelo xesha uJohn waba ngumhlobo omkhulu womdlali weqonga onguWinston Ntshona. Baqalisa bobabini ukuyila imidlalo yeqonga.

Kungoko babezibiza besithi bazi*Serpent Players*. Umsebenzi wokuqala welo qela wawusemngxunyeni wenyoka ongenanto endaweni yokulondoloza izilwanyana zaseGqeberha.

Kungoko babezibiza besithi *baziSerpent Players*.



Iqela i*Serpent Players* lasungulwa nguAthol Fugard owayengomnye wabadlali beqonga ekwangumbhali.

UJohn, uAthol noWinston basebenza kunye baseka imidlalo yeqonga emibini ekuqaleni kweminyaka yoo1970.

Le midlalo yayimalunga nempembelelo yokucinezelwa kwabantu abaNtsundu. Omnye umdlalo wawunesihloko esithi *Sizwe Banzi is Dead* ekubeni omnye wawunesihloko esithi *The Island.*



Umdlalo othi *Sizwe Banzi is Dead* wawumalunga Nomthetho wamapasi owawunyanzelisa ukuba umntu omnyama makabe nencwadana yokuzazisa ekwakusithiwa lipasi.

Ngokomdlalo lo, uSizwe Banzi akakwazi kusebenza ngoba akafumani mvume kwipasi lakhe. Umdlalo othi *The Island* umalunga namadoda amabini asesiQithini seeNtini entolongweni eyayidumile yamabanjwa ezopolitiko.



Ngo1975 eNew York, uJohn noWinston bazuza ii*Tony Awards* ngomdlalo othi *Sizwe Banzi is Dead* nangalowo uthi *The Island*.

*ITony Award* libhaso elibalulekileyo kumazwe ngamazwe elingomsebenzi obalulekileyo kwithiyetha. (Imidlalo yenzelwa ethiyetha.)


UJohn waqalisa ukusebenza nomlawuli wethiyetha onguBarney Simon.




EnoBarney baseka iLebhu yeMarket Theatre eyinxalenye yeMarket Theatre eRhawutini.


Kule Lebhu kuqeqeshwa abantu abafuna ukusebenza kwithiyetha, ingakumbi abazimisele kwimidlalo yeqonga.

Ngo2014 iMarket Theatre yaliguqula igama leyona ndawo inkulu yayiJohn Kani Theatre ngeenjongo zokumnika iwonga.



Ngo2002 uJohn wabhala umdlalo wakhe wokuqala weqonga owawusithi *Nothing but the Truth* kwaye usekelwe wadlalelwa eMzantsi Afrika emva kweminyaka yengcinezelo.


Eminyakeni emininzi wayethatha inxaxheba emidlalweni yeqonga, kuquka nalowo uthi *Othello* owabhalwa nguWilliam Shakespeare, nalowo uthi *Miss Julie* owabhalwa nguAugust Strindberg.



UJohn wathatha inxaxheba kwimidlalo eneziqendu kaMabonakude nakwiifilimu. Ngo2006 wayengumdlali onguKing T'Chaka of Wakanda, kwifilimu ethi *Captain America: Civil War*.

Emva kweminyaka emibini waphinda wadlala enguKing of Wakanda kwifilimu ethi *Black Panther*.

UJohn wasazisa isiXhosa njengolwimi lwelizwe lengqikelelo ekuthiwa yiWakanda!



Ngo2005 uJohn wawongwa nge*Order of Ikhamanga* nguRhulumente woMzantsi Afrika.

Eli wonga lelempumelelo ebalaseleyo kumabakala okuqingqa, umzekelo, kwithiyetha, kuncwadi, emculweni okanye kubhalo lwemibandela yamaphephandaba.

Nakwimihla esiphila kuyo, uJohn usabhala, usadlala emaqongeni, usenayo nempumelelo kwihlabathi lethiyetha.

——Oku kokuthethwayo nguJohn Kani ngempumelelo yakhe:

1. “Ithiyetha, ukubhala nokudlala eqongeni kuyandivumela ndibalise ngokwenzekayo ngaphakathi kum, esazulwini somphefumlo wam.”
2. Ucinga ukuba uthetha ukuthini? Thetha nabanye ngale into.

## ——Imibuzo

1. Ngubani owaphembelela uJohn Kani ukuze abalise amabali? Utsho kuba kutheni?
2. Nika inkcazela ngento eyenziwayo ngaba bantu ethiyetha: umdlali, umbhali, umlawuli.
3. Yayiyintoni imvelaphi yegama leqela labadlali beqonga elithi *The Serpent Players*?
4. Qondisisa ukuba likhona na iqela lethiyetha kwindawo enihlala kuyo.
5. Abadlali beqonga benza njani ukuze badume ngomsebenzi wabo?
6. Zithini izimvo zakho ngomsebenzi wabadlali beqonga kwakunye noweemvumi?
7. UJohn Kani uthi, “Sisebenzise ubugcisa ukugxeka izinto ezingalunganga.” Kokuphi oku kungalungi bangabe bayabugxeka?
8. Kutheni le nto ucinga ukuba abantu basebenzisa ubugcisa xa bethetha ngoku kungalungi ekuhlaleni?

Le ncwadi yamabali yenziwe yaza yabhalwa ngesiVenda njengenxalenye eyiprojekhthi yokufundwayo eyiZenex Ulwazi Lwethu ngo2021.

